

Inombolo yefayili: 19/2/P
Isalathiso: 20230329-3047

Ingcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0007/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwikharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: Imilinganiselo yamanqaku ezifundo ehlaziyiweyo emalunga neProgram yoVavanyo (Programme of Assessment (POA)) kwisigaba se-Further Education and Training (FET) band, kumaBakala 10-12

- Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane 0001/2023 yomhla we-23 Januwari 2023, eyanika inkcazelo ngeziCwangciso zoKufundisa zaqho ngoNyaka (*Annual Teaching Plans*) ukulungiselela u-2023/24 nemilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ye-School-based Assessment (SBA) neemviwo zokuphela konyaka, ebezifakelwe izilungiso ngolu hlobo lulandelayo:

ISIGABA	IMILINGANISELO EHLAZIYIWEYO YE-SBA NGO-2023
ISigaba esiSiseko (amaBakala R-3)	Kwi-SBA ngu-100%
ISigaba esiPhakathi (amaBakala 4-6)	Kwi-SBA ngu-80%: kwiimviwo ngu-20%
ISigaba esiPhezulu (amaBakala 7-9)	Kwi-SBA ngu-60%: kwiimviwo ngu-40%
AmaBakala 10-11	Kwi-SBA ngu-40%: kwiimviwo ngu-60%
IBakala 12	Kwi-SBA ngu-25%: kwiimviwo ngu-75%

2. INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavavnyo 0001/2023 ikwacacisa ngokungaphezulu ukuba ifomathi yeemvavanyo zaphakathi enyakeni nezokuphela konyaka imi ngolu hlobo lulandelayo:
 - 2.1. Kwiimviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni
 - a) KwiBakala 12: limviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni;
 - b) KumaBakala 10-11: limviwo zaphakathi enyakeni/zangoJuni; kunye
 - c) nakumaBakala 4-9: limviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe zaphakathi enyakeni/zangoJuni kuphela.
 - 2.2. Kwiimviwo zokuphela konyaka:
 - a) KwiBakala 12: limviwo ezipheleleyo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke;
 - b) KumaBakala 7-11: limviwo ezipheleleyo kuzo zonke izifundo; kunye
 - c) nakumaBakala 4-6: limviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kuzo zonke izifundo.
3. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-DBE) lapapasha iSetyhula S8, yomhla we-23 Matshi 2023, eyazisa imilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo (revised subject weightings) kwimisebenzi kunye/okanye kwiikhomponenti ezahlukileyo njengoko kucacisiwe kwi-POA 2023/24 kwizifundo ngazinye kwicandelo le-FET, kumaBakala 10-12.
4. Imilinganiselo yamanqaku ehlaziyiweyo ngokwe-POA (FET) band 2023/24, iqhotyoshelwe apha **njengesihlomelo A.**
5. I-POA iqulethe i-SBA, uviwo lokuphela konyaka, uMsebenzi we-*Practical Assessment Task* kwimeko yezifundo ezinekhomponenti yepraktikhali novavanyo lwe-Orali (*Oral assessment*) kwimeko yeeLwimi.
6. Abacebisi ngezifundo baya kunika ootitshala iingcebiso nenkcazo ngeemfuno ezimiselweyo zomsebenzi/zekhomponenti nganye.
7. Iirekhodishithi zezifundo ze-FET zeSebe leMfundo leNtshona Koloni zango-2023, ezifumanekayo kwi-CEMIS zingqinelaniswe neSetyhula S8 yeSebe i-DBE.
8. Ayacelwa amagosa ezithili neenqununu bazise ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala, abazali/abagcini nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-03-31